

Imvo Zabantsundu

NATIVE OPINION

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, SEPTEMBER 8, 1886.

[No. 97.]

Isaziso sika Rninmeni.

No. 599, 1886.

Kweyendyebo, Cape Town,
Cape of Good Hope, 7 July, 1886.

IMALI YEZINDLU.

BONKE abantu


bayakunju-

zwa ukuba irafu eyi


House Duty yo 1886 kufuneka ihlailiwe ngoku; ukuba ubani akayihlawulanga kwada kwalu-suku lwa 29 September ozayo, yoqala ukuba namatole; *kwa-kona* abo banga bangakululwa ekuyihlaileni mabazise oman-tyi babo ngapambi ko 30 August.

H. M. H. ORPEN,
Umncedisi Mgcini-Ndyebo.


INGUBO



INGUBO



INGUBO



DYER NO DYER

Amayeza ka Cook Abantsandu.

Zonke ezingubo ngoku zikutshiwe ezibhokisini, zipaulwe ngamanani amancinane kanye:—

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lotakohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika*

COOK Ipils. 1/ ngeookiaana. Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile..

Oka Umciza Westepu Sabant- wana. 6d ngebotile. Oka

Iminqwazi Yamadoda, 2/6, 3/, 3/6, 4/, 4/6
Impahla Entsha kokona InKaps, 1/. 1/3, 1/6, 2/
Ngazo zonke Inqanawa Ezilushica, 1/3, 1/6, 1/9, 2/
Ibhathyi

Izikafu Zoboya ziqala kwi 6d.

Ikausi Zamadoda ziqala, 6d.

Intlobontlobo Zezihlangu zihleli zodwa

2/6, Izambulele ziqala kwi 1/9

Amalapu Okwenza Ihempe ezo meleleyo

6d. iyadi

Carpet Bags

I Portmanto (Zingxowana Zabahambi ezo)

Inqawa

Ingxowana zempahla Yentsapo Yesikolo

Izikafu

Impahla Yonke yokutshata ihleli Yodwa

Amaqina entlobo zonke.

Ingubo Zangapantsi.

ITYALI ZOBOYA ZIQALA, 3s. 9d.

IKELEKO BROWN, 2d. IKELEKO EMHLOPE, 2d.

COOK Umgutyana Wamehlo. 61 ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kaba ngawenkohliso angenalo igama lake.

J. WARWICK TANTON

UNYANA KA MJACU,

Ungu Mteteleni Ematyaleni,
Nombhali we Mvumelano,

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengoni ko

BOUEKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

QONDANI !

UKUBA lo ugama lingase zantsi umiselwe ukuba ngu Mteteleli we Marike Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla ebambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlolobake abantsundu ukuba bazi ziae kuye impahla zabo abatengisele. Uyakuhlala esenza ngoko konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu lase markeni. Xa innahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengiveyo imali yayo ifumaneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zako ukuba zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, ne hangu, yonke into e Qonce ku

O. DONIAN,

Umteteli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwako nge-xabiso elipezulu le Mariko.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,
BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c.—

for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

NGUMFO oyaziyo inteto kwana masiko Esixhosa. Unokumela umntu kumatyala entlobo zonke kwi ofisi yae Mtata ku Mqanduli nase Elliotdale (kwa Bomvana). Izibbeno uyakuziquba pambi kwe Mantiy Enkulu Emtata.

Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA INGUBO

IMINQWAZI IHEMPE
IZIHLANGU IZIKAFU
NEZIGUBUNGELO ITYALI
IPRINTI
IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakuluukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa Nakwa-Ndabakazi HEDENI .. Emtata Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

Lesesha, Paula, Funda, uze Utyise.

X A abulela abaxasi bake abebetenga kuye, lo ogama lingapantsi namhla wenza isimemeso sokuba amalungiselelo uwagqibile okufumana impahla evela e Ngilane ize kuye ngenqo zonke inyanga. Impahla yokuqala eyakufika ne nqanawa yobalapa mayela pakati kuka August lo. Kause kuhlo. Ndinika amaxabiso awona makulu nge Mveliso yeli lizwe enjengo boyo nokutya njalo njalo kaba ndiya kuyitmela e Ngilane ngokwam.

P. H. POTTOR.

E Jojosi, July 27, 1886.

Kumzi ontsundu ose Ngqushwa.

LO ugama lisekele esi saziso, unovuyo olukulu ukuvakalisa kuwo wonke umzi ontsundu omele Ingqushwa, ukuba nqale umsebenzi

E TWA (BELL TOWN)

(Ngakwi Hotele ka Mr. BURGERS),

Wokwenza Inqwelo, ne Kari,

NJALO, NJALO.

Njengokuba wawufunda lomsebenzi kwindawo apa edumileyo yelishisbini, ka Mr. WEDDERBURN, e Rini (wasebenza kona iminyaka elishumi), uzitembile ukuba unokwenza umsebenzi ombile, oqinileyo kwelisebe.

Kunokuhlulwa ngokudla nangempahla ngemisebenzi eyenziwe nguye.

Ipuluwa ezapukileyo, nento zokusebenza umhlaba zilungiswa kwamsinyane. Usebenza ngemiti elungileyo yodwa yena.

Amaxabiso abizwayo ngalingeneyo.

ALFRED FRAY.

45 August, 1886.

ISIMNARI YASE MTWAKU.

I SIMNARI yase Mtwaku ngoku ivulwe pants kokongamela kuka Rev. M. A. MAGGS, obekwi Diocesan Grammar School e Qonce, kunokwamkelwa umfana abemnye nokuba babini.

BONISANI.

MAHASHE amabini alahleke ngo 4 June : (1) Imazi emfusa ende ; ibhalwe BD kwinyonga yase kunene. (2) Inkunzana empemvane, emanqina amhlope angasemva : imtuqwa, isibhene, indlebe zimaxhaka zibheke pambili. Ondilandisayo angatamela ku Mhleli we *Mvo* e Qonce.

ANDREW MTINTSO.
Ebhenenti (Shawbury)

Abazelweyo.

ROZANI.—E Idntywa, nge 9th August, 1886. Inkoakazi ka PHILIP ROZANI, ibeleke intombi.

MAJJA.—Kubikwa ukubhubha kuka JOSEPH MAJJA wase Mount Frere kwa Bhaca okuhle ngo 13 August, 1886, omke eteta ngo-Mdali wake. Ubenyangu Mdala encedisa ebutitshaleni e Tshungwana. Ushiywe amakwenkwe amabini nentombi leyo yase Matolweni.

KIVIET SWARTBOOY.

KUBHUBHE

NOANDA.—Kubhubhe Equgqwala ngo 16 August, u CHARLOTTE intombi enci ka Thomas J. Mqanda wase Sauerville, Fort Peddie, ubudala bulishumi leminyaka. Ibine ntloko nokukohlela. Kubikelwa izi. hlobo.

NJOLI.—Kubhubhe e Kimberley (kwele Dayimani) ngo Mgqibelo, 21 August, u UPINGTON, unyana ka Cornelius Njoli, ubudala ube nentsuku ezisitoba. Izihlobo mazamkele lo mbiko.

Iveki.

TENGANI i stamps zepeni ezingengapantsi kwezimbini nizifake encwadini nizitumele. Abanako batumele nge Post Orders intlawo yepapa. Notunyelwa irisiti nge post yokuqala. Tumelani ku J. TENGO-JABAWU.

P. O. Box, 178,

King William's Town.

KWISIQINGATA ease Bhofolo amagama aniswe kutsha ebuvotini likulu elinamashumi asitoba, inkoliso ngabantsundu.

U MR. BETHEL no AYTON ebekusitwa bubblewenta kwela Bahlabeni bafike e Mafikeng sebe zibhadnbadu behamba ngenyawa. Kwebiwa amahashe abo kwezontlango zeliqela ; lati lakuba lide ixesha bengatiki ekaya kwatiwa mababe bubblewenta kanti koku babhadula ngenyawo.

MHLA nge Cawa engapaya kwegqitileyo (29 Aug.) le litshone ngayo ilanga emva kwedinala kubeko ukunyikima okukulu komhlaba e Greece, yati yona idolopana yase Filatura yatshabalala impela kunye nabantu bayo.

INQWELO zika Coombs ebezilayishe iruluwa ne danamayiti zisinga kwele Golide e Barberton, zitshabalele ngaxesha nye zombi, ni nenkabi zazo ngokudubula kwe danamayiti neruluwa.

E TEKWINI kufupi nedolophu kufunyenwe intsimbini yokwenza ibhekile neketile.

NGEMPOSISO yabashicileli kwelevekile egqitileyo Umongameli wesikolo sase Edendale, Natal, u Rev. Theophilus Chubb, B.A., (Lond.) kutiwe ngu Rev. Theophilus Chubb Lord.

Amehlo abalesi be *Mvo* acelelwa kwisaziso sika Mr. R. J. no. Ndungane.

U MR. A. W. BAKER obesisandla semantyi e Rini utunyelwe e Qumra ukuba ayekuba sindandla kulondawo. U Capt. H. T. W. Fynn unikwe igunya lokunika ipasi e Herschel.

INTLANGANIBO yabafundisi base Wesile bemandla wase Transvaal isemelwe ukuba se Pretoria ngeveki yokuqala ka October. Kuba eye e Ngilane Umongameli wayo u Rev. Owen Watkins, yoti yonganyelwe ngu Rev. Geo. Weavind. Abafundisi abamhlope abangena kulontlanganiso balishumi linambini, abantsundu batandatu.

NGE Sabata egqitileyo Umveleli u Right Rev. Dr. Webb, obehambele kumabandla ase Tshatshi ase Bayi, usendleleni yokuhambela iramente ezipantsi kwake. Wofikelela nase Bloemfontein.

INENE elitile lifike layimisa pambi kwindu ka Mr. A. Van Breda ikaritingedinga. Esehla unqakulwe zizinja ezine zalomzi. Ubekubeta egqakadula akwanceda luto, zimwise pantsi izinja zamdla. Umninimzi ute zinja ezilungileyo. Isigwebo sibe kukuba umninimzi makahlalele £20, ahlalele igqira nendleko zonke. (Good).

INENE elingu Mr. W. Halse J.P. wase Lady Grey kwelipezulu udlwe £2 oka. nye inyanga entolongweni ngokusuke libete u Dr. Newnhan J.P. walodolophu. Lodolo. pana iyanconywa ngamapike ayo.

KUVAKALA kwelegolide ukuba ulawo lwe Nkosazana lugqibe ekubeni luwabatele kulo Maswazi.

SIVA ukuba u Rev. Allan G. 8. Gibson M.A. obese St. Cuthbert e Tsolo uyamkele indawo yokuba yi Archdeacon yase Kokstad nase Msimkulu indawo ebiyeka Ven Archdeacon Button. Siyavuyisana nomhlobo wetu u Ven. Archdeacon Gibson ngokupakanyiselwa kweli wonga.

NGOLWESI-TATU oluqitileyo ite iposi evela

e Rini eza e Qonce xa indulukayo kwe Le. ntoga amahashe abotshwa pambili njengokuba ematandatu nje asuke angamaveliti, amoyisa umbexeshi waquka umkala. Ayitata ikaliti ayiposa elutlangweni locingo yapeqeka, yati gubudu pezu kwabantu ababini, omnye waya kumisa ngenyawo, ababini yabaposa gama. Abo yabacinezela bobabini basagula.

AMATYALA ayakungena e Jajini ngomso apa awobusela matandatu ; elokudlwengula linye ; elokuba imali elipepa linye ; elokuqomfa linye ; elokutshisa indlu linye ; owabeta omnye engxamele ukumbulala mnye ; obulele omnye ngenzozi mnye ; izigebenga ezabulala abantu zine.

I JAJI iyakuteta kwezindawo:—E Qonce, 9th September. E Monti, 16th September. E Komani, 20th September. E Dodoloro, 27th September. E Alvani, 30th September. E Bekesdorp, 4th October. E Kolosbere, 7th October. E Kaladokwe, 11th October. E Somersert, 14th October. E Tinara, 16th October. E Rafu, 19th October. E Bhayi, 23rd October.

E NATAL kubhubhe enye yamadoda anezitomo kwelozwe u Mr. Richard Vause umpati wepepa eliyi *Natal Mercury*.

NGOMHLA woknqala kulenyanga kubeko nnyikimo olukulu lomhlaba e Amerika epezu zulu zavingceka izitatato zedolophu eyi Charles Town zizindlu eziwileyo, kwafa abantu abalikululu.

AMA-KRESTU aqutyulwe angenelwa ngembumbulu nangezirel' e China, abulawa kuneno kuba kwelozwe kusalaula imbedesho yama Tshayina.

IMANTYI yela Maqwelane u Mr. Breda ufe ngebaqo ngolwesi-Ne oluqitileyo. Ngulowo waka wabambela u Captain Hook e Herschel.

U SIR. JOHN CHARLES MOLTENO ubhubhe e Claremont ngolwesi-Tatu oluqitileyo. Ubehlwe sisatutwane, wawa akabisavuka, kanti seyimbiza Inkosi. Ubengumhlobo omkulu wabantsundu e Palamenteni.

LUTI ucingo ati Amampondo ekuhlanganeni kwalenyanga ayakupindezela igazi lawo ku Maxesibe. Amangesi selesondeza ingxawa e Madadiel.

INKOMO ebezitengisa emarkeni ngeveki egqitileyo inkabi ziqale kwi £2 10/ zapela kwi £3 18/; imazi ezinamankonyana zaqala kwi £3 10/ zapela kwi £6 11/; amazibule kwi £1 10/ apela kwi £3 ; alekelwayo £1 10/ apela kwi £2 10/.

EZIZINTO amankazana zingxolo xa zilwayo. Abebesilwa bebahlani e Smith Street ngolwesi-Ne oluqitileyo benze ingxolo ede yafun' ukuviwa yidolophu yonke. Asazi nokuba liqhinga lokuba aze kulanyulwa na, nokuba kudalwa kwamankazana onke na ukufundelwa kangaka xa alwayo, nokuba ebeseziwa kukuba ebelurenge kusinina.

UMGUBO wengqolowa ufumana imaili eyanelisayo ngoku kubatengisi emarkeni yalapa kuba ingxowa iqala kwishumi elinantanu ise epontini eva kancinane.

INGENISO ka Rulumente yemali iya isihla ngokuhla zonke inyanga, kubonakala mhlopo ukuba ekudibaneni kwe Palamente ezayo imivuzo yezicaka zika Rulumente iyakwaphulwa kanobom.

AMANKAZANA makayeke ukuba lusali ematylweni nase zindadeni ehamba odwa. Omnye Umlungwazana usand' ukusinda nga- mandla ka Qamata ebanjwe sipompotela so' mfokazi kwezindadana zase Monti.

ABANTU ababulawa ngama zinyo bahlala besenzela isitukatezi ngoku bopa imihlati, nalo kaloku igqira lawo namhla u Mr. Bridge ezazisweni.

UMKIZWANA inkosana yesika Nqwiliso eyayibanjwe Emtata ngokuti kanti yona nabantu bayo sebeli gqukesi apo itshona kona impahla ebiba kubantu abapantsi ko Rulumente, ukululwe kusaku kutshwa ama- sela lawo ngu Nqwiliso nentlawo ezinkoma.

INXENYE yama wetu icinga ukuba igolide ifunyanwa ingama gaqa nama guzungu amakulu, kanti yona iba luhlalutyanana natnakekezana apakati kwamatywe, afike aqeqezwe ngomashini yandkukhuzwa. Ayifanele ma- vila anqena ukumba into angayiboniyane.

KOLUJIKELEZO lwe Jaji amagqweta aha- mba nayo ngo Advocates Solomon, Blaine, Brown, Frames, no Guerin.

UMZI ose Ngqushwa mauvuke. Kuvakala ukuba u Mr. Paul Timm uyawumangalele wonke umzi ontsundu ukuba ukutshwe evotini. Seleqase igqweta elingu Mr. Nichol, son ukuba limmele. Mabangatetati abantu, kodwa mabalungiselele ukumelwa. Ngati singamfumana ongasimelayo apa e Qonce.

KUMATYALA abe pambi kwe Jaji e Rini ekupeleni kuka August bekuko nelika Silotile (Mr. Slater) obe mangalele u Mr. William Kama nge £33 nendleko zonke, irafu yenko- mo ezaziqeshelwe umhlaba; wagwetyelwa u Silotile.

KUKO abantu abasuke babe nemisindo kusakubizwa imali *Yemvo*, lonto ikangeleka kakubi kubantu abanengqondo nobume bobantu.

IMBUMBA yama Bhulu itumele umtandazo e Palamenteni yase Transvaal ioela ukuba kwenziwe umtoto wokuba wonke umntu ongevuyi inkulelwanza yelozwe makangabi ngumvoti ade abe uqgibe iminyaka elishumi emi kwelo.

E TYUMBU kubeko isipitipiti ngokuxabana kwenkosi ezimele elo. U Nehemiah Mshweshwe nempu yake waseleya kukwela kwintaba apa ezinqabe kunene zika Molosi, u Nqwebe walalisa neyake kwintili ezingapantsi kwezontaba zajamelana, kolindwe u COLONEL Clarke Imantyi yase Lusutu.

"MANDITI ke elokugqibela ngokufutshane lingasipuluki elilungelo [le " Mvo "] lisipuluki kwapela asisayikuze sibuye silifumane."—*Ukubona kuka Xego-Dala*.

U REV. H. J. BATTS wamkele isicelo sokuba ngumfundisi we Baptist apa e Qonce.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, SEPT. 8, 1886.

Ukumelana IPEPA lase Kokstad kwepesheya ko Mtata? elisand' nkufika liza Ela Mampondo nengxelo ezalisesikileyo no Rulumente wase Kapa, yentlanganiso ebiseko mkulwini laMampondo

yenzelwe izitunywa ezipuma e Kokstad. Kokunjulwa ngabalesi ukuba zaziyele ukuba Amampondo makavume ukuba kubanjiswane ngesicelo esikulu esizakwenziwa sokuba lonke ilizwe elipesheya kwe Nciba, nelipesheya ko Mtata, nela Besutu kwanela Mampondo aqukwe enziwe i Koloni eyodwa epetwe yi Nkosazana ngokwayo. Wonke umntu oneliso lokubona ukuhamba kwentlalo kumhlopo kuye ukuba olu laulo lungu Nqapela-Ndikule olupetwe ngalamadoda ase Kapa angu Rulumente ngoku isipelo salo luya, koba kuhle um' mangeliso kungenzeka oko. Yiyo lonto

Umanyano ngento Zolaulo lwase Rini lumbalekayo lo Rulumente, sebefuna ukuba bahlulwe ibe yodwa i Palamente yeli lase Maxhoseni. Yiyo lonto abemi bapesheya ko Mtata na Mampondo bacinga ukuba kungabetele ukupatwa yi Nkosazana kanye. Ngale Koloni kungatiwa " Izolo eli u Rulumente wale

" Koloni ngelezihlambe wamhlopo " pambi kwalo lonke ilizwe ; kodwa " ngoku akuko hlwempu lipantsi " ngangokude limblonele (nala Mampondo aginyelwa amate akange- " njenjalo)." Izitunywa ezo zaya kugqita ku MHLANGASO, Ipakati elikulu lase Mampondweni, wazamkela ngobubele, wavelisa impawu zokuba uyavavisana nomcimbi abawuhambelayo; wabaxelela kanjalo ukuba " wona Amampondo angangena panti ko Rulumente wase Natal " nokuba kukowe Nkosazana."

Ngoku nje Amampondo akalazela ukuba " inteto yawo ipelela esitube- " ni ayifiki apo ibhekiswa kona;" aranela ukuti u Rulumente wase Koloni uyakuyitintela incwadi yawo eya pesheya. Nati sicinga ukuba afanele ukuyoyika lonto. Xa sika- ngeleyo ngati esosicelo sisezandleni zo Rulumente wale Koloni ukuba enze intando yake ngaso, kuba baneruluneli paya e Kapa u Sir HERCULES ROBINSON oliliso le Nkosazana, nokuba isicelo eso siyile pesheya umpati wamazwe e Nkosazana u Mr. STANHOPE uyakubhalela kule Ruluneli abuze kuyo pambi kokuba aliwise elake. Kusekukheleni ke ukuba xa abemi belipesheya kwe Nciba na Mampondo behhalele kwi Nkosazana bengayisanga so i Ruluneli ngati iyakonakala lonto yabo.

Eletu icebo esingalenzayo lelokuba xa ibhalelwayo Inkosazana incwadi mayiye nge Ruluneli eliliso le Nkosazana kwelilizwe, ukuze ingati xa seyiyiva lento seyivela pesheya kubonakale ukuba mayitabate ilizwi lalo Rulumente walapa. Yena lo Rulumente uyicase yonke into engabangela ukuba Amampondo akululeke kule ngxakeko nenkatozo akuyo. Nezi zitunywa waziyafisa, zahamba sezimadol' anzima, kanti ebessand' ukwala ukuba kumise wase amadoda okuyipendla lenkatozo. Lenteto ilandelayo kwi *Kokstad Advertiser* ibonisa ukuba Amampondo anga lento ingalungiswa ngoxolo:—

Umhlangaso:—U Rulumente wase Kapa, akasokusitintela na eso sicelo siya ku Rulumente we Nkosazana ? Ndiva kusitwa u Rulumente wasa Kapa uyicase lento niyensayo.

Akanakusitintela isicelo, kodwp akuko ntandabuzo abafuni kupulukwa lilungelo lokuwuhlomela kubo umhlaba wa Mampondo.

Umhlangaso:—Akasokuti u Rulumente wase Kapa elixa sisatumele pesheya asikataze ngakumbi kunangapambili ? Kambe angaxelelwa ukuba makawagcino ama Xesibe nama Bhaca aveke izipitipiti kude kuvakale impendulo yeaoicelo. (Inweenywe kwelezayo.)

Amanqaku.

KWELEVEKI egqitileyo kumhlali we Veki savakalisa ukuba u Mr. Shippard

Ruluni yase Bechuana land imise umte- to wokurafisa ngomfazi ngamnye osisite- mbu. Lonto idale uririzo olukulu ko Bahlambeli kuba kutiwa yenzelwa ukulu- ngumzama ukuzeka izitembu abangene nzulu kuzo abantu belozwe. Ipepa esebenzileyo ngomfazi ngamnye Mr. Ship- pa—libhulwa ngalenti, wabisa iposho ekuyakuba nzima kuye ukuba makabuye abenako ukusilungisa. Tina xa sikange- leyo ngati uluvo lwabantu alukadibani ngeyona nto ifanele ukwenziwa ngale- ngxoxo yesitembu, ngati akusokubako lusizo lwanto ngalendlela awuqaula ngayo umtshato u Mr. Shippard. Besifinde- le into ezinobom kunezo kuleyo ndoda.

KWINTLANGANISO ye Ronaskap esand' ukubako e Ngilane u Rev. John Walton, M.A.. wenze lenteto yobuciko siyilande- lisayo xa abeteta ngokuhamba kobu- Krestu kwelilizwe:— ' Wati u William Shaw akuvuswa ngabe Lungu besakuti kuye abantu base Maxhoseni zinyoka, iziralarume ezisoloko zanzanelwa igazi, abadalwe bangamasele, kunjalonje akuyi lubuyayo pakati kwabo nokuba ngumntu ukuba iyimpahla—mandingatsho ukuti wandita umfo ka Shaw—manditi, wacinga. Wavakala esitini u Ann Shaw ? “ Ukuba lento iyinyaniso, yokokuba ba- kusimo esibi kangaka, egameni lika Tixo masibasele Ivangeli.” (Kwadunywa). U Ann Shaw waba ngu Deborah, waba ngu Barbara Heck womsebenzi wetu we Li- zwi e South Afrika. Intlokoma yexilongo lalawo madoda yayinye kupela, iyeyoku- ti pambili. Sekugqite izizukulwau ezibi- ni zabafundisi, la namhla amadoda asa- hamba kwangalowo mqaqo, avutulula obobuhedeni bungatetekiyo ngezi Bhalo Ezingcwele kwelozwe. Ingoma nentshu- mayelo zeto zityuwa ngengeto ezininzi, kanti zonke zintu 'nye. Nokuba kupina apo akona ama Wesile agqobokileyo ungfafika eqto 'nye. Mongameli nokuba undi- nika umshumayeli olumke kangakanani- na nokuba seleshumayela intshumayeli ezihlal ngalupina uhlobo, kawumfaka kuma Krestu Amamfengu ase Nxukwebe nge Cawa Enkulu emini, izele tu ngaba- ntu lotyalike, uze uqonde ukuba akusa- kuwva na umoya wake udibene nalontlanganiso; uze uve ukuba akasotsho na ukuti kumhlana eva ukuyola okunga- ka ebomini bake. (Kwadunywa). Manditi nge Nxukwebe. lomzi awudume ngaramente yawo yodwa udume nange Semnari yokuqeqesha ulutsha. Inxu- kwebe ndingayifanisa kwelilizwe letu ne Richmond, ne Westminster, ne Southlands zidityiwe. Inxenye yabona batu- ndisi abantsundu babambili bapuma kona, nento eninzi ye titshala, naniakulukulu ama-Krestu apuma kona. Inkoliso yaba- fundisi betu abantsundu ngamadoda ana- mandla, oluhlobo lutandwa ngu John Wesile kanye, amadoda anengqondo. U Charles Pamla, oyena mfundisi mkulu ontsundu kwabetu, ungumongameli wesi- qingata sakeUtywala obutengiswa ngehsheni ibotile bulutshaba olunama- ndla kubafundisi. Namaxhosa ngokwawo ati akuko uke “ atate ngobungcatu ” kuwo. Usuke Umxhosa ayitenge ibotile enkanti- ni aye kunxhla ekaya kuba enganyuyelwa ukuba anxile kwase nkantini. Eyetu ira- mente yase South Africa yenze imiteto ekuluni neapezu kwezinye iramente ngo- tywala. Kuminyaka embalwa egqitileyo amagosa etu eramante nabashumayeli nabakofeli benza ukuba intlanganiso zabafundisi zide zenze umteto wokuba xa umntu asela utywala ba Maxhosa maka- ngamkelwa eramenteni. (Kwadunywa).”

abamhlope asebelungiselele ukumhluta umntu omnyama ilungelo lake lokuvota abeselelifumene. Kwamhla umntu omnyama akutshwa impela evotini i Bhulu liyakusamela. Xa sekulawa wona impa- hla evela neya kumenze apesheya iyaku- pela, idolopu zincinwe ngexxa yabemi angapandle, imfundo ingqunyuzwe, kungene imisetyenzana epantsi yesisizwe sityafe kunene, esiti ukuzibiza singama Frukandile, kutshabalale intsebenzo eqa- bambileyo yama Ngesi.

UMBHABEBI wetu ose Macubeni kwela Batembu wenjenje ukubombolozwa kwake ngempato abapetwe ngayo ngoku:—Ku- yawa konakele apa, faka apo epepeni le- ndaba, lasenza ibala elimnyama; apa tina sizinto zokufeketa, amapolisa ka Chalmers nama Bhulu ungfafika chamba apa ezifa- meni, engena ezintlanti zemidaka, aze atimbe igusha nebokwe, kuba ati impau zazo zifana nempau zama Bhulu, baze abaninzi bona babe ngamabanjwa baqu- tywa ngegamasela pantsi kwe hand-boy i basiwe entolongweni. Nanga amagama abo: Magopeni, Tyoboko, August, Qose, Nkoi, Sweleni, ngamadoda amatandatu, eyesixenxe indoda izonele ngokusuka iti kumapolisa, mhla ayeze kutimba ikulu legusha, wati kumapolisa, igusha maze zinganyateli entsimini, aselemwela amba- mba amquba, wangumbanjwa naye ngesosizatu. Ke lamadoda aba ngababa- njwa intsuku ezisixenxe entolongweni, ngenxa yokuba impau zawo zifana neza- ma Bhulu; ekute noko umantyi wase Dordrecht kwakutetwa ematyaleni wawa- kulula kunye nempahla yawo. Indawa- na indiyishiyayo, kwati lemini, ipolisa ne Bhulu baza kutimba ikulu legusha kwamisana i Bhulu nomnini gusha; kwa- lona i Bhulu : *akufunina* ukutenga inqwe- lo, umnini gusha e Bhulwini: into obuze ngayo ipelile na? I Bhulu: oh, asiyonto lonto wena; ati ke umntu omnyama, hai, andinamali, kanjalo andinankabi; lati i Bhulu, tenga ngegusha ezi; wati umntu omnyama, hai ke. Waselebanjwa efakwa i hand-boyi, esiya entolongweni naye. Lamadoda akufika ekaya, aze kum ukuzo kuxela ukuba awaxolile yilento, kanjako impahla yawo yonakele ngokuya kuqu- tywa kwazo kwako nezilahlekayo, nezifi- leyo, yonke lonto ayibaxolisanga kanye; kanjalo pakati kwalamadoda bekuko ne- siqwala, ke namhlanje silele ngendlu kuba sikhohlwe kukuhamba sidumbe imile- nze kuba sahanjiswa ngenyawo, kanti siqele ukubamba ngehashe sona. Ke la- madoda afuna ukwazi ukuba ngumteto na ukuba umntu abanjwe ngapandle kwesizatu, kodwa ngenxa yokuba upau lwabo lufana nolwama Bhulu ? Ke umzi uyacitakala ngendawo leyo.—T. Z. MTE- MBU.

INCWADI ezizi Grammar zesi Xhosa ubuninzi bazo ngati zifun' ukulingana namagqabi ase Vallambroza. Kwiipepa lase Lovedale i *Christian Express* eloku- egqibela kuko ezazisweni i Grammar Entsha Yesixhosa” ezakubhele ishicile- lwe ngu Rev. James MacLaren, M.A., Inkulule ye Semnari yase Ngamakwe. Makabe u Mr. MacLaren lo yinawo. Kwelilizwe yafika, utike mayela nom- nyaka we 1882 ukwela e Skotlani fan' ukuba ufike wafunda ngamandla kakulu ukude abe selezoyisile inkontsentse ne- mbijakwe zenteto yetu.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MABKENI.

Uboya abubangako izolo e Marken. Ingxowa zibemalwa ne bhali lalinye bafuma- na 13d ne 6d ngeponti, obe sayikwe bafu- mana i 11d 1/1 ngeponti.

E QONCE (Sept. 7)

Irasi eluhlaza, 1/2 ngekulu Ihabile, 1/9 to 3/ ngekulu Itapile, 3/10 to 8/3 ngengxowa Umbona, 1/8 to 2/ ngekulu Amazimba, 2/2 to 2/6 ngekulu Irasi ezinkozo, 1/10 ngekulu Umgubo, 3/ to 9/ ngekulu Ingqolowa, 3/9 ngekulu Imbotyi, 7/ ngekulu Inkuni, 4/3 to 23/ ngeflara

E RINI (Sept. 6)

Ihabile, 2/3 to 2/6 ngekulu Amazimba, 7/6 to 8/ ngengxowa Umbona, 5/6 to 6/ ngengxowa Itapile, 5/ to 8/9 ngengxowa Umgubo, 15/ to 18/ ngengxowa Inkuni, 10/ to 30/ ngeflara.

E KOMANI (Sep. 6) Amazimba,

7/ to 9/ ngengxowa Umbona, 5/6 to 6/ ngengxowa Ihabile, 2/ to 4/9 ngekulu Itapile, 2/6 to 5/ ngengxowa Umgubo, 5/ to 8/ ngekulu

Impawana,

Kuse kuhleni ukuba umzi ulingxamele ipepa le Mvo *Zabantundu*. Soloko uqalile nje unyaka sekungene ngapezu kwekulu abantu abatsha. Enye ingewu iti xa itu. mela imali yayo ye kwota “ kufuneka lipume kabini ngeveki.” Inge lento lipupa kwa. wetu amehlo. Into yona efunekayo kuqala kukuba ipepa eli lomzi landiswe. Zanele kulo indaba ngengeto ye Sixhosa, zanele na- ngeye Singesi. Oku kodwa masixelo mhlo. pe *akumakwenzeka* bengekafaki igxalaba bo- nke abantsundu kulomsebenzi wenzelwa umzi. Nina banga zingetna *Imvo Zabantu- ndu* tumelani amagama (oku masikusebeze —*nemali*) abantu abakwaziyo ukulesa. Abangavumiyi babambeni ngezixanti niba- ngeniswe. Bonibulela, nomzi wonke wonibu- lela ngomso.

Sisabhala ngalento yokuba impi engavu- miyo ukufaka igxalaba ekufunquleni *Imvo* suka qata ezingcamangweni umkumbulo wokuba kanene u Mr. Michael Tutu umzalwana wetu ose Monti akakapendulwa ngamadoda kulowa mbuzo wake ongokuba lento umntu ontsundu icinga ngokwabantu icinga ngokweramncu kusinina. Qashi-qa, shi ukuba abantu aba bezizintka ngekusi- tiwa zintaka nina ? Siwutyisile umbuzo wako Mr. Tutu. Ngati siyawunvvisa, woxela mabele ukuba akunjalo. Awetu amava ngo- mntu ontsundu asibangela ukuba siti ucinga ngokweramncu.

Lendawo soyityebisa ngebalana lento esand'ukuhlala umbhali walamabala ngazo

eziveki. Ubambe esisilo kutiwa ukubongwa kwaso ngu Gxwal'—intloko, ibashe, wayehamba umgama onobom. Litshone esendleleni umbhali; ekute xa kuqala ukungcola waye- zekwazi komzi, intliziyu inemihlali kuba ezakwaziyo **ZABANTSUNDU NATIVE OPINION** ukuba kudliwe ekaya. Niyazi ke nina madoda ake ahambe akuko nto imbi njengoku- ba umntu afike xa besesiti reqe izitya aba- ntu mhlaimbi sebesozela. Kuti kanti pa- ntsi komzi kuko umjelwana odibekileyo nongepi kodwa. Libonakele selisiti, xhini- visi ihashe lingavumi ukubamba. Abekuti Nxi! nxi! nxi. Right ! Intoni ? Lingaye- leli ihashe. Kude kugqite nabantu abapuma edolopini, nabo bancede. Kungancedi luto ; nabo bancame. Ibe yilonto isiqingata se yure. Alake litsho iramncu. Lingenwe liqoqoyi ngenxa yesisidibi somjelo. Liba yintshunqe ntshunqe imikala, lelilhashe, kuba kurolwa ngayo lisuke lixatise liroxu. Intwembi kunene ke mfundi *I De* wati exesheni umbhali. O, malibuyiswe umva, libetwe embonjeni loti liqabuka libe selingapeshya. Kanti yeyona iyakusiza lonto. Elihashe lizibambezele ngokwalo seliza kukululwa lipumle, lidle ihabile lidle noyolo (ukuba lento izizi ziyaluva uyolo) ngeliquqoyi lalo. Ayitweta ke inxwaleko yokushiywa ngama- xesha, nokufika sekudliwe efunyenwe ngo- belikwele. Upumele seliir iniron go ludaka.

Nqwa ke neliramncu ontsundu. *Imvo* kwaziwa nangosand' ukususwa ebeleni uku- ba lilungelo elingatetekiyo lomzi ontsundu, kodwa yinqaba, abavumi ukuwela umjelwa- na odibekileyo wenkozo ezintatu ngekwota bazokuyifunqula ihambe, baze balungelwe. Nabapakati abanantloni ukuma endleleni be- besabeke babamba ngokuti bangayiroli mali. Yinqaba nakwezinye izinto ukwenza imiza- mo engepi ukuze bafumane ukuyola. Sitsho. lo apo ke tina ukuti ucinga ngokweramncu umntu ontsundu, akacingi ngokwabantu. Pikani!

**

“ Iyawa yininale ? (sitsho *Isigidimi*) Site sakwangelala kwi *Mvo ye* 18 ku August ipe- ndula *Isigidimi* ngendawo eyayinga iyayibuza kuba ingayazi, siye yawayati yakupunde. Iwa *Sigidimi* sike bije ngoku, *Imvo* ukubule- la kwayo sel' ihamba ikaba ibekile nezikotile, siye nqi medlebe. Pofu u Mhleli w *Mvo* akuvakali kuba ubeke akabiko ekaya angati ukuba nguye lo wenjenje ukuteta kwezo *mpawana, Isigidimi* sesisuke siti rutya ngo *ndoyola*, nokuba sekuhlokoma lomagoqo. *Imvo* le ngu Sifalutluni, itanda kunene ukufundisa abona bayifundisileyo—[Kunjalo.]— nabasa yifundisayo—[Sakuva zwindini.J Ku. pela kwento yokwenza kuyekwa njenjenje.”

Njengokuba eloramcwa lada labetwa em- bonjeni labuyiswa umva ukuze lide liwele londawana elalingasakwe nzakala liyiwele ngapandle kwemigudu: siti ke mabange- niswe ngamandla nase *Mveni*, babetwe emi. bonjeni, bawezwe ngomva naba basoloko bengavumi ngokwelo hashe ukwela umje- Iwana wemalana engepi beze komeleza ama. lungelo abo. Bonibulela kunene, sinityele, bakuba bewelile. Baqwaqwadeni imibo- mbo ngokwe hashe bowela nangomva !

Imantyi yetu u Mr. W. B. Chalmers yapu- lapula ngolwesi-Ne ityala lobusela. Umfo ontsundu abati ngu Komani ubepambi kwe. mantyi ngetyala lokuba igusha ka Cabhela (Mr. John Landrey) wase Mtonjeni. Ku- gqite ipolisa kumzi ka Komani lifuna igusha kuko abakweta abatyambalele ngasezintlanti. Lafuna lafumana isikumba singcwatyiwe. U Komani ute sitenge enkenileni isikumba eso, into efunyenwe ingeyiyo nyaniso. Sisi- we kuye ute u Cabhela sesake wabanjwa ke u Komani. Kumantyi ute yingozi, ubanga- pumelanga nkuya kuba. Umgwebile umantyi wenza inqaku lokuba lento abakweta bangapumiyo ibonisa ukuba kuyahlutwa. Akazanga ayibone into yokuba abakweta bahalale ixesha elingaka endle. Wamnika nnyaka. Ufune imbuyekezo u Cabhela, kwa- tiwa angayibiza ukuba inempahla indoda leyo.

Kuko iledi elimhlope langase Nqweba elibhalele kwi petshana lalo inteto eyole kunene “ Ngenxwaleko zentombi ” liti aku- konto iyinkatazo njengokuba ube yintombi. Kwindawo yokuqala wonke umntu ukulinde- le ukuba maubemhle, iyintombi ungenjalo akunto yaluto. Ingade ibembi indoda nje- nge sono ivele ngamehlo odwa ezindeveni; ibe yinceke yabantu noko, xa nemim- bimbi kutiwa yenziwa kucinga kakulu, kanti lomibimbi isentombini ungfafika kusitiwa ibonisa ukuba yintombi enomsindo. Indoda yenziwa imibimbi kucinga! Mawo! Idla- ngokuba yimibimbi esukela ekufingweni kwentshiyi xangaba kusuke iqosha lehempe ete mhlalambi uqolwane akaqola ebambe ukuba ngamanzi, ite mhlalambi ikofu yajiya kugalelwa kakulu, nezinto ezinjalo. Intombi seloko ikangelelwe ukuba ibe icokisekile ikangeleke kancumjileyo nokuba ibisequnji- swe yintonina, izandla zayo mazibemhlope akukatateleki nokuba bunzima kangakanani. na ekusoloko zifakwe ezigloveni, intombi mayingenzi mlozi, ingatsibi ntango, ingabi- biseli ikati, ingahlali pezu kwe tafife, ingetu- ki nokuba seiqunjiswe yada yageza. Ayina kuhamba yodwa pandle kuba kufuneka iku- selwe, ayinaku kwela yodwa hlezi iwe ingabi. naye oyincedawo, ayinakntshaya kuba ayisa- kukangeleka njenge ntombi, ayinakuzifilishe- la kuba lonto asivyio eyamankazana kanti noko imelwe kntshata ngapambi kokuba ibemashumi mabini asihlanu iminyaka ingakwenzanga oko wonke uyakuxakaniseka. Mayinga bleki ide ivelise elomhlanti. kuba yenjenjalo yoseisiti intyewana ekubonayo oko, “ 0, iyanditanda lentombi ” ukuba intombi ayizinikele ekutshateni bosesesiti abantu, “ Lentombi ayitandwa,” ba vane ngamehlo abafazi abadala. Kunzima! Kanti abafazi abatsbate nezibhovubhovu zamadoda abalwa namadoda iveki yonke ba- pumle ngomhla we Nkosi ungfafika besiti nge. ntombi engatshatanga “ Ljijngxeba.” Kum- hlope ukuba abantu bacinga ngokuba into, mbi le yazalelwa ukutshata qa. Xa kuko oza- kntshata ungaqonda nawe ukuba khulheliwe Exhukwane. Intombi ukuze abantu benele mayinxibe izihlangu ezincinane kunenyayo zayo. Ningafika abanye bewalusile amanqi- na entombi, bengawaboni baye kulwalinga- nisa ngentonga apo ibinyntele kona. Intombi mayihlale inxibe kakuhle inemfesane kuma- hlwempu iye onke amaxesha e Tyalikeni; mayibe numpeki oligaisa makawatu.

